basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## NOVEMBA 2015

## IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam linamaphepha asi-9.**

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1

**Umakisho lwesicatshulwa lumi ngolu hlobo:**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqondayo, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. (Nangona kunjalo, kunyanzelekile ukuba iimposiso ezikhoyo ziqatshelwe ngokukrwelelwa).
- Kubaviwa abasebenzise amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Nangona kunjalo, oku akuchaphazeli iimeko apho kusetyenziswe amagama akwisicatshulwa olunye ulwimi abhalwe ngobunjalo bawo.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo eziligama elinye aze umviwa anike isivakalisi esipheleleyo, kumakishwa ngokuchanekileyo impendulo elindelekileyo eligama elinye xa ngaba ikrwelelwe/igqanyisiwe.
- Kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, umviwa udwelise uluhlu lweempendulo ezininzi, makisha kuphela ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

1.1 1.1.1 Ubani kufuneka abeke imali.√ (1)

1.1.2 Kukufuna into ngamandla/ kukubawela√√/ uyayirhalela√√/ kukuyikhanuka kakhulu√√/ kukuyinqwenela ngamandla√√/ kukuyinxanelwa ngamehlo abomvu.√√

( Nayiphina kwezi) (2)

1.1.3 Kukuba nayo ngokugqithisileyo nayiphi na into ethatyathwa njengeyona nto inexabiso eluntwini√/ ubutyebi yintlutha√/ kukuyiva ngembali indlala.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.4 Isinhanha sendoda ke ngoko ibiyileyo iinkomo zingenakubalwa ngenxa yobuninzi bazo√/ubutyebi bendoda bebubonwa ngeenkomo ezininzi enazo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.5 Ebefumana ubisi√/inyama√/ufele√/iimpondo√/ubulongwe bokusinda√/imnceda ekulimeni√/kulotyolwa ngayo√/ibixhelwa kwizisusa ezixabisekileyo√/ bezithengiswa ukuze ibe nakho ukuzuza imali.√

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

1.1.6 Ubutyebi bamandulo bebubonwa ngemfuyo eninzi ukanti obale mihla bubonwa ngemali eninzi ebhankini√√ ubutyebi bamandulo bebubonwa ngeenkomo ezininzi ukanti obale mihla yimali. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.7 Imfuyo inegalelo elikhulu ekutshintsheni impilo nekamva labantu√√/ umntu ofuyileyo uyakwazi ukuthengisa imfuyo aze afundise abantwana bakhe√√/impumelelo yabaninzi ize ngokuthengiswa kwemfuyo.√√

(Nayiphi na esemxholweni) (2)

1.1.8 Kwembiwa amatye exabiso ahlanjisisiswe ngezikhucula-ntsila zodidi oluphambili,√ aze aphekwe kumaziko ashushu omlilo apholiswe.√ (2)

1.1.9 Sibonisa ukuba ixabiso legolide lingentla kunezinye izimbiwa√√/ isesona simbiwa sithathwa njengesimele ubutyebi belizwe√√/ kubonisa ukubaluleka kwegolide kuqoqosho lwelizwe√√/ lelona litye liza nobutyebi obuninzi.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.10 Ngokubila kwebunzi√√/ bawa bevuka√√/ babila besoma.√√ (2)

1.1.11 Kukuba ububilele√/ubutyebi akabubanga√/ kuyaziwa apho asuka khona.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.12 Ngumntu olivila√/ngumntu okhawulezayo ukunikezela.√ (1)

1.1.13 Andinakubonwabela kuba bubutyebi obuza ngeenyembezi.√√

Ndingabonwabela kuba into endiyifunayo bubutyebi nokuba buze njani.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.1.14 Kufundiswa uluntu ngendlela eyiyo yokufumana ubutyebi√√/ kufundiswa ukuba indlela obubonakala ngayo ubutyebi itshintshile kwezi ntsuku.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[23]**

## 1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2.1 Kukufuya iigusha√/bubutyebi bemfuyo√/ bubutyebi bamandulo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2.2 Iveza indlela ayithanda nayixabise ngayo imfuyo yakhe√√/iveza indlela ayikhathathalele nayiphethe ngayo imfuyo yakhe√√/iveza ubudlelwane obububo phakathi kwakhe nemfuyo yakhe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.2.3 Umfanekiso okwisicatshulwa B uveza udidi lobutyebi oluyimfuyo olukhankanyiweyo kwisicatshulwa A√√/ zozibini zibonakalisa ubutyebi√√/ kwisicatshulwa B kubonakaliswa isityebi kwisicatshulw B kubonakaliswa iindidi zobutyebi.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.2.4 Imfuyo ingabulawa zizifo√/ibiwe√/ibe lixhoba leemeko zezulu ife ngobuninzi umfuyi alahlekelwe√/ ukulahleka√/ ukungahoywa√/ ukutyiwa zizilwanyana.√

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)
**[7]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
    - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
    - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
    - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa becaphule.**
    - 6–7 amanqaku acatshulweyo: akunikezelwa manqaku olwimi.
    - 1–5 amanqaku acatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**UMHLATHI**

Ukunyaniseka yinto ethandekayo nebukekayo kuzo zonke izizwe. Ayithandeki into yokuxoka komntwana ide iqatsele xa isenziwa ngumntu omdala. Yenye yeendlela zokuxoka into yokuthi into akunayo kodwa unayo, kwaye olu didi luxhaphake ngakumbi kubantu abathembakeleyo. Ukuthetha into ethethwe ngumntu ngolunye uhlobo lolunye udidi lokuxoka. Ukunika umntu ulwazi olungaphelelanga bubuxoki obukhulu. Ukubonisa umhambi uthando nokulwamkela ngobubele kanti ngaphakathi akuthethi loo nto, bobunye ubuxoki. Umkhwa wokuxoka unefuthe elibi kulowo uxokayo ukodlula abo axoka ngabo. **[70]**

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo.

| | UCAPHULO | | IINGONGOMA |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Yinto entle nebukeka kakhulu kuzo zonke iintlanga le nto ikukunyani-seka.' | 1. | Ukunyaniseka yinto ethandekayo nebukekayo kuzo zonke izizwe. |
| 2. | 'Yinto embi kakhulu kumntwana ukuxoka, ize igqithe ukuba mbi kumntu omkhulu ukuthetha into engeyiyo inyaniso.' | 2. | Ayithandeki into yokuxoka komntwana ide iqatsele xa isenziwa ngumntu omdala. |
| 3. | 'Ukulandula into unayo uthi akunayo yenye yeendlela zokuxoka okuqhelwe kakhulu nangabantu ebebefanele ukuthenjwa.'/ Ukuthi uxelelwe into,uze uyalwe ukuba ungayithethi nakubani, uze wena uyithethe komnye umntu wesithathu ngelithi uyamhlebela, kukuxoka oko. | 3. | Yenye yeendlela zokuxoka into yokuthi into akunayo kodwa unayo, kwaye olu didi luxhaphake ngakumbi kubantu abathembakeleyo./ Ukungakwazi ukuyigcina into oyixelelweyo uyaliwe ukuba ungayigqithisi yenye yeendlela zokuxoka. |
| 4. | 'Ukuyigqwetha ngabom intetho ethethwa ngomnye umntu ngokunga ingavakala kakubi kwabanye ukuze imenzakalise kukuxoka.' | 4. | Ukuthetha into ethethwe ngumntu ngolunye uhlobo lolunye udidi lokuxoka. |
| 5. | 'Ukunkinkishela umntu ulwazi, ungalukhuphi lonke, ngobunjalo balo bubungozi obufana nqwa nobu buchazwa nguTennyson.' | 5. | Ukunika umntu ulwazi olungaphelelanga bubuxoki obukhulu. |
| 6. | 'Ukulubuka undwendwe, ulubonise ubuso obuhle, uthethe kakuhle nalo xa seluphambi kwakho, kanti uza kulusika iimpundu, uluhlebe lusakuthi tshiki, loo nto kukungabi nakunyaniseka.' | 6. | Ukubonisa umhambi uthando nokulwamkela ngobubele kanti ngaphakathi akuthethi loo nto, bobunye ubuxoki. |
| 7. | 'Isimilo sexoki senzakalisa lona ngaphezu kokwenzakalisa abo lixoka ngabo.' | 7. | Umkhwa wokuxoka unefuthe elibi kulowo uxokayo ukodlula abo axoka ngabo. |

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha ICANDELO C

- Upelo
  - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa ngaba isiphene eso sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

- Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Singokulondolozwa kwemali√/ singotyalo-mali.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.2 Kubonisa ukuba imali eselugcinweni ifumana inzala kanye ngale ndlela isithole esityalwe emhlabeni sithi sikhule sinike isivuno.√ (1)

3.3 ... wenzele isuzukulwana esizayo.√ (1)

3.4 Ilahleko√/ inkcitho.√ (1)

3.5 Ubonakalisa ukuba uyikhathelele le nto ayinikwayo√/ubonakalisa imbeko√/ ibonakalisa ukubaluleka kwayo√/ ibonakalisa umbulelo√/ ibonakalisa ukuyivuyela√/ kukuba kufuneka iingcambu zayo zingaphulukananga nomhlaba esimile kuwo ukuze sikhule ngokukhula ngokukhawuleza sisakufakwa emhlabeni. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.6 Siluncedo kuba sinika abantu ulwazi ngokubaluleka kokulondoloza imali√√/ sikhuthaza ukulondoloza imali.√√

Asiloncedo kuba isibhengezo-ntengiso sisetyenziselwa ukutyebisa umnini-mveliso√√/okubhengeziweyo akwenzeki njengoko kubhengeziwe.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

3.7 Aliyi kuhamba nawe kwilizwe elibanzi lotyalo-mali.√ (1)

3.8 Ukuveza ukuba abantwana bayaxhamla kubutyebi obuqokelelwe ngumzali √√ /imali oyityalileyo iyabasebenzela abantwana bakho.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

4.1 Bakwigumbi lokufundela√/baseklasini√/ basesikolweni.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Ukukhathazeka √/inkxalabo√/ ukukruquka.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

4.3 Imfundo ibubutyebi obungapheliyo√√/imfundo iyinzuzo ongenakuphulukana nayo√√/ imfundo ibalulekile ebomini bethu.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.4 Ibonisa ukuba aba bantu abalawuleki njengoko ingulowo esenza into yakhe√√/ibonisa ukuba abamphulaphulanga utitshala njengoko ingulowo esenza ukuthanda kwakhe.√√/ ibonisa ukuba abanankathalo√√/ ibonakalisa indelelo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.5 C/Ulwimi oluqulethe ingcinga ecalanye√/C.√/ulwimi oluqulethe ingcinga ecalanye.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.6 Kubonisa ukuba lo umileyo umangaliswa yile ndlela baziphethe ngayo√/ ukubasizela kuba bebonakalisa ukungayixabisi imfundo√/ kubonisa ukukruquka√/ ukucaphuka√/ kubonisa ukuxakwa.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.7 Ingokungakhathaleli kwabantwana imfundo√√/ingokungalawuleki kwabantwana esikolweni√√/ ukubaluleka kwemfundo√√/ ukungaxabiseki kwemfundo kulutsha√√/ ukuphelelwa lixabiso lemfundo nootitshala ezikolweni.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: IMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

5.1 Lisetyenziswe njengesichazi√/Lisetyenziswe njengesibaluli.√ (1)

5.2 ULumkile **uthe**√ <u>ba</u>hlumile√ ngokukhawuleza/uLumkile **uthe**√ <u>**ba**</u>hlume√ ngokukhawuleza. (2)

5.3 Siphuhlisa intsingiselo yesenzeko esenzeka macala omabini.√ (1)

5.4 Umakhi√/abakhi√/isakhiwo√/izakhiwo√/ulwakhiwo√/ ukwakhiwa.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.5

| Igatya | | Udidi |
|---|---|---|
| A. | Abantu bakuTsolo bahluthwa umhlaba□wabo | Igatya eliyintloko |
| B. | ngexesha lokufika kwamaJamani. | Igatya sihlomelo□ sexesha |

(2 x 1) (2)

5.6 Kwacaca ukuba aphantsi kolawulo lomntu ongumama√/Kwacaca ukuba onganyelwa ngumntu wasetyhini/wasegoqweni.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.7 Sisakhi sokuzenza.√ (1)

5. 8 Iliso lam liyaqaqamba√/iliso lomlambo liphuma amanzi√kuphume iliso lalinye kumaso ebewahlohla.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**